Province of the EASTERN CAPE
RURAL DEVELOPMENT AND AGRARIAN REFORM

UPHUHLISO

7.18
Kota 1

## EYOMHLELI – *Sifundisa uluntu ngee nqubo zika DRDAR*

Umsebenzi woku phuhlisa no guqulo loqoqosho lwezo limo owenziwa lisebe uDRDAR eMpuma Kapa ngentsebenziswano nama qumrhu ezolimo na maFama ukubonakilisa iziphumo ezincomekayo. Ukuvuna okuqhubekaayo kwii fama namasimi ePayinapile, amasimi neeFama zombona, zama orenji, ukugqitywa kwezakhiwo zokuvelisa iintlanzi eKaroo Catch zibubu ngqina bomsebenzi omhle weli sebe. Umsebenzi wethu ujonge uku nika abantu ubomi obungcono. Njenga magosa onxibelelwano asebenzela elisebe, okwethu kukufundisa abantu ngeenqubo nendlela yokusebenza zeli sebe ngoku papasha incukacha ngalo msebenzi ukuze abantu bafumane iinkonzo babe no bomi obungcono.

Oku sikwenza ngoku papasha eliphepha nge kota silifaka kwi Daily Sun, Daily Dispatch, The Herald, Die Burger and Son, nee nqubo zosasazo kwi Algoa fm, Umhlobo Wenene, SA fm, Radio 2000, Tru fm, nakwi zikhululo zoluntu kunye naku maqonga oqhakamishelwano.

Siyaqhubeka ukubeka uluntu phambili. Sebenzisani lemfundiso nincedakale.

# Umfama Wodidi Uzakuthenga IMOTO NGE BHASO LAKHE

• *Umfama ozingcayo, one ntsebenzo uthembisa ukwandisa ushishino lwakhe.*



*Umphathi waMagosa ezolimo kwa DRDAR eMbizana uVuyisa Magengenene, no Mphathi Ntloko ka DRDAR kwisithili iAlfred Nzo uBukiwe Madyibhi babhiyoza no mpondo zihlanjiwe womFama wesithili uThobeka Rhozani Ntoyi kumsitho waminyaka yonke wokuwonga abasetyhini kwezo limo.*

UTHOBEKA RHOZANI NTOYI ongu mfama ophume izandla nowenza ingeniso kwi shishini lakhe, nongummi wase Mbizana uwongwe njengo yena mfama ogqwesiliyeo kwi ngingqi yase Alfred Nzo kumsitho wokuwonga amanina kwezolimo.

uRhozani Ntoyi ophumelele zonke imbasa ebetyunjwe kuzo ulima iimbotyi, ikhaphetshu, amazambana, ithanga kwaye uzithengisela iivenkile, abahlali, indawo zokutyela, ukwafuya neegusha achebe uboya abuthengise.

"Ndaqala ka ncikane ukulima ndinezithole ezimbalwa ndabona ukuba into ebalulekileyo kukwandisa okukutyala ukuze sikwazi ukufundisa abantwana ndithengise imveliso yam," said Rhozani Ntoyi

Wongeze wathi amagosa ezolimo esebe uDRDAR atyelela indawo alima kuyo rhoqo amnike ingcebiso kwaye amnike ne tanki emncedisa ekuncencesheleni kuba ekude nomlambo.

"Amagosa ka DRDAR andincedisa nge mbewu yokutyala, itaki endilisebenzisela ukuncenceshela umhlaba. Ndiyazingca ngo msebenzi endiwenzayo kuba ndidala imisebenzi, ndithengisa imveliso, ndincede abantu abasweleyo ngokutya," utshilo uRhozani Ntoyi.

uRhozani Ntoyi ukhuthaze abahlali basezilalini, ingakumbi amanina ukuba basebenzise umhlaba ungalali kuba ukutya kuveliswa ngezolimo. "Masingavumeli umhlaba ulale. Amanina mawasebenzise umhlaba ukuze sondle iintsapho zethu; masisebenze ngoku bambisana singa makhosikazi urhulumente asixhase," kutsho uRhozani Ntoyi. Enenjongo zokwandisa umhlaba awulimayo, uRhozani Ntoyi nofuna ucingo lokubiya iihectare aziqesha kwabanye abahlali ukuze akhulise ushishino lwakhe, uthi ukuxhoma kwexabiso lokuthutha isivuno asise ezivenkileni yeyona nto itya ingeniso yakhe.

"Owona mngeni endinawo sisithuthi sokuthengisa. Ndiyabetheka kakhulu kuba ingeniso yam imka nesithuthi. Umzekeleo xa uSpar ose Flagstaff efuna amakhaphestshu angamakhulu amabini, umntu ufuna amakhulu alishumi ane thoba erandi, ufumanise ukuba ingensio yam imka nala moto kuba andinaso isithuthi sokusebenza. La mali endiyifumeneyo ndizoyibeka ndijonge ukuba ndophinde ndifumane ntoni phi na ndongeze ndizame ukuba andinofumana noba lisekeni le van kuba ndiyabetheka kwinto edibene nothutho," kutsho uRhozani Ntoyi.



*uThobeka Rhozani Ntoyi ebambe isivuno sakhe esiphuma kumhlaba wakhe ozi hectare ezine awulime ngenxaso yesebe uDRDAR.*

**RATU**

iRural Appropriate Technology Unit licandelo le Sebe uRural Development ne Agrarian Reform elisekelwe ukulwa ne ndlala noku ngaphuhli ngoku gqibeleleyo ezilalini.

**UMSEBENZI WE RATU**
- Ukwakha izakhiwo ezingu ndonqo zase kuhlaleni nezo qoqosho
- Ukuphuhlisa izakhono zolutsha ezilalini
- Uku khulhaza ingqesho ezilalini ngelinqanda imfuduko eya ezidolophini
- Ukuncedisa abemi base zilalini ukwenza ingeniso

**IINQUBO EZINGU NDOQO ZE RATU**
- Amanzi: uku khongozela amanzi emvula, ukukhusela imithombo ya manzi
- Ukwenziwa kwezi tena ze samente no kwakhiwo kwezindlu zonga sese

Bayi **179** abantu abatsha abaqeqeshelwe ukwenza izitena ze samente

Iyi **200** imizi exhamla kwii nqubo zamanzi

Bayi **2 226** abafundi amaxhamla kulwakhiwo lwezindlu zanga sese

Province of the EASTERN CAPE
RURAL DEVELOPMENT AND AGRARIAN REFORM

TSALELA ISEBE KU: 080 020 3025



# UMPHATHISWA UKHUTHAZA UBUNYE KUBA VELISI BAMA MAZIMBA

*Umphathiswa we sebe iRural Development, Agrarian Reform uXolile Nqatha, Usodolophu wase Malahleni uCeba Nomveliso Nyukwana be phulapuhla intetha ka sihlalo womfela Ndawonye iZingxondo ngosuku apho uMpthaiswa uNqatha waye tyelele eMalahleni ngaphambi kwesivuno samazimba. Lomfela Ndawonye uncediswe ngu DRDAR ngezinto zokuvelisa mamazimba, iimbewu, wafumana imali mboleko kwi ECRDA.*

***• Urhulumente utyale isigidi esiyi R1.4 million encedisa amaFama ayi 105 avelisa amazimba kwii hectare eziyi 174.***

UMPHATHISWA we sebe iRural Development ne Agrarian Reform uXolile Nqatha ukhuthaza intsebenziswano yamaFama avelisa amazimba ukuze axhamle ekuthingeseni imveliso yabo.

"Lo msebenzi umhle wala maFama usenza sikhuthaze onke amaFama alima amazimba eZingxondo, iBuyambo neminye imibutho yolimo ukuba isebenzisane kuba intsebenziswano izakubanceda bavune lukhulu, bafumane iimalike zemveliso yabo kunye nemali yenxaso kurhulumente bandies imveliso yabo," kutsho uNqatha mhla etyelele eZingxondo. Umfela ndawonye wezo limo iZingxondo olima amazimba wafumana inxaso kwi sebe iDRDAR nga mayeza akhuthaza ukuchuma ko umhlaba, imbewu, imboleko mali yokuvelisa kwi Arhente iECRDA, bencediswa ekuveliseni amazimba abawathengisela imalike ze phondo. Usodoluphu wase Malahleni, uCeba Nomveliso Nyukwana uthe: "Ndikhuthaza onke amaFama nemifela ndawonye yawo ukuba isebenzise iRED Hub eyakhiwa nge ntsebenziswano phakathi ko rhulumente we phondo nengxowa mali yokudala imisebenzi iJobs Fund ukuze bafumane inxaso kumasebe ka rhulumente.

uSihlalo womfela ndawonye wezo limo iZingxondo, u Velani Jack uthi balindele ukuzuza ingxowa ezingama shumi amahlanu amazimba ezi ngumthamo oyi 50 *kilograms* kwi hectare zabo ezingama shumi asixhenxe anesine (74).

uJack uthi isivuno sabo sakuthengiswa kwi kwimalike kwaye balindele ingeniso entle.

"Sinethemba lokuba abathengi besisivuno bazakusinika ixabiso elihle ngale mveliso. Bebefuna ukubona imveliso yethu ngaphambi kokuba sigqibe nge xabiso. Aku lulanga ukufumana imalike ezakuthenga imveliso yethu," utsho uJack.

Iqumrhu lika Rhulumente i Agriculture Research Council lithi umhlaba wase Malahleni ngomnye wemihlaba ochumele ukuvelisa amazimba kwaye ziyi 5901 ihectare ezilungele amazimba.

Isebe iDRDAR lonyuse inani lee hectare ezilima amazimba ngoko ngoza iwaka lee hectare ezintsha.

Elisebe lityale imali eyi R680 000 encedisa kwi teyitala zolkulima, ukubiya amasimi amazimba kwi hectare ezilikhulu kwi lali yase Mngcwe eMnquma. Umzi odidiyela iziselo zama zimba uUnited Brewerie SA, ozakuthenga le mveliso, ubinze nge R500 000 ezakuncedisa kwimveliso.

Ayi 456 amalungu Omfela ndawonye iBuyambo anga banini be RED hub ese Malahleni alima amazimba abawa thengisela iBorder Seeds ne OVK.

### INCUKACHA NGEMVELISO YAMA ZIMBA

**95%** umyinge wamazimba atyiwa ngabantu emzantsi Afrika.

**47%** umyinge wamazimba osetyenziswa eku didiyeleni umqombothi,

**49%** umyinge wamazimba okwenziwa ngawo amabele nekuphekwa ngawo isidudu.

**40 %** umyinge wamazimba aveliswa liphondo iMpumalanga.

**37 %** umyinge wa mazimba oveliswa kwi Phondo iFree State

**15%** umyinge wamazimba oveliswa liphondo iLimpopo

**4%** umyinge wamazimba oveliswa liphondo iNorth West

**2%** umyinge wamazimba oveliswa ngama phondo iKwazulu-Natal ne Gauteng




UBHULA LWEGUSHA LWEHLISA INGENISO MALI YENTENGISO YO BOYA YOMFUYI

Masisebenze sonke ekunqandeni esisifo, sixelele ngee gusha nee bhokhwe ezikrokrelwayo, masinyange imfuyo ngamayeza avunyiweyo, kunyangwe yonke imfuyo entsha phambi kokuyidibanisa nendala, kuhlanzwe iimoto nezikrele zokucheba.

**Zisa imfuyo yakho kooGqirha bethu bemfuyo bayitofe simahla.**



**- SITSALELE KU 080 020 3025 -**

LE MFUNDISO NIYIPHATHELWE LI SEBE LOPHUHLISO LWAMAPHANDLE NO GUQULO LOMHLABA

Province of the EASTERN CAPE RURAL DEVELOPMENT AND AGRARIAN REFORM



*uSimthembile Nzuzo we Simthesh honey ethengisela uMmphathi oyintloko yakwa DRDAR eJoe Gqabi District uDr Zoleka Ntondini ibhotile yo busi bakhe nobuthengiswa kwii venkile eziphambili nase Dan's lodge.*

## *Uthando Lweenyosi Luzale Ishishini Lo Busi*

UTHANDO lweenyosi luka Simthembile Nzuzo, 28, oyinzalelwane yase Mthatha luzale ishishini lobusi obuthengwa ziivenkile ezinkulu kwakunye nendawo yokundwendwela ephambili eMthatha.

uNzuzo wahlatywa lu lwamvila lothando lwee nyosi mhla wazibona zibhuza ekhayeni lakhe engazange ayicinge nakancinci eyo kushishina ngazo.

"Ndayiqala lento iyinto endithanda ukuyenza ndidlalisa emveni ko kubona iinyosi ekhaya. Kulapho saqala khona ukufunda nge lishishini de sabe sivelisa ubusi. Ubusi bethu si bu thengisela ezindawo: uSpar owaye sandula kuba ngu S n P, Food lovers ose BT Ngebs, iDan's country lodge kwaye sithengisela nabantu abeza kuthi befuna ubusi," utshilo uNzuzo.

"Isebe uDRDAR liyasinceda ngeengcebiso neenkonzo zokuvelisa kwaye bayasincedisa ekusihlanganiseni neemalike kunye nabathengi," utshilo uNzuzo.

Ishishini lakhe line ndawo ezigcina amaqeba, ekuphakulelwa kuzo iinyosi ezinga makhulu amabini ana mashumi amahlanu apho bavelisa itoni ezintathu zobusi bendalo obucolwe bulungiselelwa intengiso, bufakwe kwii bhotile ezino phawu labo, bungene ezivenkileni nakubathengi babucala, kwaye ibhotile inye ixabisa amashumi amahlanu eranti.

uNzuzo wafumana inxaso kwi qumrhu iECDC nelamthengela iibhokisi zokuphakula iinyosi, isikhoji sokuthutha ubusi, isakhiwo sokusebenzela, nomatshini wokucola ubusi.

*Tsalela uSimthembile Nzuzo:*
*078 7060 139/ 083 773 8805*



*uNzuzo ebonisa iibhotile zo busi bakhe.*



*uMsebenzi wase Misgun farm, uCeliwe Sitwayi ebonisa owaye sakuba ngu Mphathiswa wesebe iDRDAR uMlibo QWoboshiyane indlela ezilungiswa ngayo iApile zohlobo iPink lady ngosuku lwesivuno eLangkloof xeshikweni omnye umsebenzi uNovotile Mkhankanyana ebukele.*

# IZIGIDI EZINTLANU EZINESIQINGATHA ZANDISA IMVELISO YAMA APILE

### • *Utyalo mali lunika umdla ekukhuliseni ingeniso kwi fama ze nqubo yoguquluo lo mhlaba*

IMALI ezizi gidi ezinhlanu ezinesiqingatha etyalwe ngu rhulumente we Phondo iMpuma Kapa ukuwandisa imveliso ya ma amapile, amapere kumhlaba iLangkloof ibonakalisa ukuzi bophelela kuka rhulumente ekunyuseni inani le mveliso ethengiswa kwii malike ze hlabathi ngoku landela inqubo yokuphuhlisa uqoqosho lwezo limo kweliphondo.

Owaye fudula engu Mphathiswa kwi sebe uRural Development ne Agrarian Reform, uMlibo Qoboshiyane wathi ngokutyala le mali injongo ka rhulumente kukuqinisekisa intatho nxaxheba kushishino lwa ma apile na mapere ngama fama amnyama.

"Sityale ngaphezu kwezi gidi eziyi R5.6 million kwezi fama abantu bazifumana ngenxaso ka rhulumente ngeli ncedisa la mafama avelisele intengiso kwii malike eziphezulu zehlabathi. Urhulumente we phondo uzimesele ekuxhaseni la mafama njengoko satyala izigidi eziyi R7.2 million kunyaka mali ongaphambili," watsho uQoboshiyane ngexesha engu Mphathiswa welisebe. Ifama ezintathu eziphantsi kwe nqubo yoku guqulwa komhlaba zalima iihectare eziyi 175 za vuna umthamo ozi toni eziyi 6 431 zama apile, amapere athengwa kumazwe afana noo United Kingdom, USA, Canada, Zimbabwe, Namibia, Russia, Far East, Middle East, iziqithi ezikwi Indian Ocean.

Ekuzameni uku khulisa lemveliso, ukudala imisebenzi, Isebe li dibanise izandla ne ngxowa yoku dala imisebenzi iJobs Fund kwenyuswa iihectare ezilinywayo zama ku makhulu amathathu ane shumi elinesithandathu (316), kwaye kulindeleke ukuba kudalwe imisebenzi engama khulu amathathu anesihlanu. Lomsebenzi wenziwa kwi fama iMisgund Small Farmers Trust, Tulpieskraal Workers Trust ne JD Rovon ukunceda amafama akhulise imveliso ne ngeniso yawo. Ezi fama zivelisa iApile ezizi ndidi nge ndidi eziquka oo big bucks, granny smith, pan golden, early granny, envy, forelle, early bon Chretien, ne packham triumph, rosemary kunye ne pink lady.

uSihlalo wo mbutho wa mafama i Misgund u Booi Jacobs uthi: "Siyazingca ngoku thengisa imveliso yethu ku mazwe ngamazwe. IPinky Lady lelona bhongo lethu kuba isinika ingeniso mali enintsi. Kuyanzaleka ukuba ihlale ixesha elide emthini phambi kokuba ivunwe ukuze igcine umbala wayo. Zikumyinge oyi 49% eziziqhamo ezivelisw a nga mafama ePhondo iMpuma Kapa ethengiselwa amazwe ane malike eziphambili, umyinge oyi 18% uthengiswa elizweni, ze oyi 34% ucolelwe izityo neziselelo kunye nezinye. Ngenxa yomthamo atya, athengise ngayo le mveliso yama apile phakathi kwemi nyaka u2013 no 2015, amazwekazi iEuropean, North American ne Middle East ngawona athenga kakulu ama apile alinywa kwi phondo iMpuma Kapa. Ngenxa yemali etyalwe lisebe ngesivumelwano esikhoyo, ukutyala imithi entsha kwezi fama sele igqityiwe ukulungiselela ukwandiswa kwemveliso no myinge wesivuno ngeli khulisa ingeniso ye fama naba nini bazo.

## *Ama Nani Esisiqhamo*

**R7,2** million imali etyalwe lisebe uDRDAR ukwandisa imveliso yama apile, amapere kumhlaba iLangkloof kunyaka mali ka2017/18.

**R11** million imali urhulumente awa binza ngayo ekuthengeleni amafama amnyama izabelo kumzi woku pakisha iziqhamo iDu Toit ngeli qinisekisa ukuxhamla kwabo kolu shishino.

**6411** inani lee hectare ekuveliswa kuzo eziziqhamo kwi Phondo iMpuma Kapa.

**4%** umyinge womhlaba wabantu abamnyama eLangkloof.

**224 492.78** umthamo wee toni wama apile, amapere oveliswa nga maFama ephondo iMpuma Kapa.

**8%** umyinge we galelo le phondo iMpuma Kapa kwi ngeniso yonyaka ye lizwe.

**R1.09** Billion imali engeniswa liphondo ngo nyaka ekuveliseni amaApile namaPere.

# ZIYABABAZWA IZAKHIWO EZINGU NDOQO ZIKA DRDAR



Isakhiwo esitsha soku hlamba, kupakishwe khona ama orenji nesakhiwo nge nxaso ka DRDAR noDAFF ngezi gidi eziyi R52 million ukuncedisa amaFama amnyama avelisa esisiqhamo anyuse ingeniso. Lenxaso yinxalenye ye nqubo yoguqulo loshishino lwezo limo ye sebe uDRDAR.



Isakhiwo esidala ebekuhlanjwa, ku pakishwe kuso ama orenji ngama Fama eRipplemead ngaphambi kokwakhiwa esitsha sodidi oluphezulu ngenxaso ka DRDAR noDAFF

## IFUMANEKA NJANI INXASO MALI KWADRDAR?

*UApril uthe amaFama afuna inxaso mali kwa DRDAR kufuneka afake izicelo kuma gosa ezolimo asebenza kwi wadi zonke zeli phondo, esithi la magosa anoxanduva lokudlulisela ezizicelo kwi komiti yengingqi ngaphambi kokuba zidluliselwe kwi komiti yephondo apho kuthathwa khona isigqibo se nxaso.*

*Ngokutsho kuka April, zonke izicelo ezixhaswa nge mali esuka kwi sebe uDAFF zidluliselwa kwi komiti ka zwelonke ukuze kugqitywe ngenxaso yazo ukanti ezixhaswa liphondo, ziya kweye phondo ikomiti.*

*"Ngoku besi papashe isimemo sokufakwa kwezicelo ze nxaso mali safumana umthamo omnintsi wezicelo esingazange sikwazi ukuzi xhasa zonke kulo nyaka mali. AmaFama esizakuwa xhasa kulonyaka mali uzayo azakuthathwa kwizicelo zonyaka ophelileyo, nto leyo ikhombisa umdla kwii nqubo zenxaso ka rhulumente," utshilo uApril.*

IZAKHIWO ezingu ndoqo zolimo ezibini ze sebe uDRDAR ezakhiwe ngenxaso mali yeSebe likazwe (uDAFF) lonke lwezo limo zibabazwe njenge zigqwesileyo emveni kokuhlolwa kwazo ngama gosa aphezulu.

Umqondisi oyintloko ka DAFF we nqubo iComprehensive Agriculture Support Program (CASP), uElder Mtshiza, uthe ukugqitywa kwesakhiwo sokuqhekeza amantongomane yi Ncerha Macadamia nokwakhiwa kwendawo yokuhlambela, nokugcina kanye noku pakisha ama orenji eRipplemed zezinye zezakhiwo ezigqwesayo zesebe iDRDAR.


"Ndicinga ukuba ezizakhiwo ziyohlala zingumlimandlela wezinto le nqubo yethu uCASP ne Lima leTsima ezinokuzenza eku vuseleleni uqoqosho lwamaphandle kwezo limo. Sithi huntshu kwi sebe lase Mpuma Kapa. Ayisosiphelo esi kuba amaFama afuna inxaso ukuya phambili. Kuyabonakala ukuba uzakuba lula umsebenzi njengoba kukhona izakhiwo ezingu ndoqo," utshilo uMtshiza,

UMtshiza uthe injongo ye migaqo ka rhulumente yinguqulo yezo limo kuphuhliswe amaFama amnyama athatha inxaxheba kwimveliso, intengiso nophuhliso lwezo limo, uphuhliso lwezakhono kuba unintsi lwama Fama amnyama ebengavelisi kakulhle ngexa yokungabi nezakhono ncam.

Intloko yenkqubo yokwakhiwa kwezakhiwo ezingu ndoqo yeDRDAR uThandeka April uthe iNcerha ne Ripplemead zibonakalisa impumelelo yotyalo mali ngu rhulumente, esithi unethemba ukuba amaFama azokwazi uku sibenzisa ezizakhiwo neematshini zayo.


"AmaFama eMacadamia asungule indawo yoku qhekeza amantongomane nesele isebenza bazukuba nenzuzo kuba izokwehla imali abayibhatelela ukuthutha umthamo wama ntongomane ngenxa yokususwa kwama xolo kuwo," utshilo uApril.

"AmaFama ase Ripplemead anaso isakhono soku sebenzisa nokuphatha indawo yoku pakisha noku hlamba ama orenji. Ndinethemba lokuba bazophumelela ekusebenziseni esisakhiwo sitsha," kutsho April, esongeza ngelithi uchulumancile ngumsebenzi owenziwe eNcerha nase Ripplemead.






# uDRDAR *UZALISEKISE IPHUPHA* Lesakhiwo Soku Pakisha Imveliso



*uKhayalethu Mpahla, umnini we fama elima ama orenji iNoordeshoek.*

*uHambile Nyamezeli, umnini we fama elima ama orenji iSiyamila.*

*uZukile Mngadle, umnini we fama elima ama orenji Riplemead.*

AVAKALISE imincili amaFama amathathu ase Ngushwa alima athengise iiOrenji ngexesha etyelele isakhiwo sawo esitsha sokuphakishela imveliso yawo esakhiwe ngenxaso mali ka Rural Development ne Agrarian Reform kunye nesebe lezo limo uDAFF.

UDRDAR no DAFF batyale imali eyi R52 million ngengxowa yokuphuhlisa ezolimo iCASP ekwakheni isakhiwo iRipplemead ngelinceda lamaFama afumane isakhiwo esikumgangatho ophezulu ogunyaziswa ziimalike abathengisa kuzo.

Esisithathu silima sithengise ama orenji aso kwii malike zase Mzantsi Afrika kwakunye nezi kumazwe ase Europe, America, Asia, Middle East.

UZukile Mgadle ongu mnini we Riplemead farm uthe ingathi uyaphupha xa ebona esisakhiwo sitsha kuba baphelelwa lithemba bokunga sifumani isakhiwo emveni kokufaka izicelo eziluthotho. "Sasingaqali ukukhala kuMphathiswa ngoku sasikhala kowa yesakuba ngu Mphathiswa weli sebe uMlibo Qoboshiyane sicela esisakhiwo. Sineminyaka sicela kwabanye. Ingathi siyaphupha xa sibona esisakhiwo. Asiyikholelwa lento," utshu uMgadle.

Omnye umFama, uHambile Nyamezeli we Siyamila farm, uthe indlu yoku pakisha imveliso abayisebenzisayo okwangoku indala kuba yakhiwa ngo 1927 kwaye iya zisonga iinzabe zabo zokufikelela kuzo zonke iimalike.

"Ngenxa yoba sisibenzisa lendlu yoku pakisha endala, ne kwizinga eliphantsi asikwazi ukuthengisa imveliso yethu kuzo zonke iimalike," utsho uNyamezeli.

Omnye ugxa wakhe, uKhayalethu Mpahla we Noordeshoek farm uthe bade batyala neyabo imali bezama ukulungisa isakhiwo esidala besisondeza kumgangatho ofunwa yimithetho yokuvelisa noku pakisha ukutya.

"Kukhona abathengi nee venkile ezifuna zonke izindlu ezipakisha imveliso zibe ne mpepha ezibonisa ukuthobela imithetho ye BRC. Iindawo ezifana ne Tesco, neSalisbury zibhatala ixabiso elihle xazithenga iiorenji. Kumgangatho wemithi esiyivelisayo siyagqwesa ngokwe miqathango kodwa apha kwindawo yoku pakisha, besi bethakala. Bekufuneka sithuthe imveliso siyoyilungiselela kwi ndawo zoku pakisha ezise Bhofolo. Besikade singazi thumeli kwii malike ezi nomgangatho ophezulu ezo sithi sizi pakishe kulama ziki," kutsho uMpahla.

Uthe bacela kowayesakuba ngu Mphathiswa weli sebe uMlibo Qoboshiyane nesebe ukuba bancediswe bakhelwe lendawo yoku pakisha nokulungisa imveliso esemgangathweni ofunwa zii malike zalapha kunye nezehlabathi.

---

# *Imincili Ngezigidi Zokwakha Iziko* LOKONDLA IMFUYO KU QUMBU



*Abafuyi be mfuyo uFundisile Hoboyi na Thobezweni Tsuphe ngabanye babafuyi abazaku xhamla kwi ziko lokutyebisa nokondla imfuyo elakhiwa nge zigidi ezibini, R2 million etyalwe lisebe uDRDAR emdeni ku Qumbu.*

**Ngu THOZI MANYISANA**

IKAMVA liqaqambile kubavelisi benyama ebomvu kwilali yaseMdeni kuQumbu emva kokuba isebe iRural Development ne Agrarian Reform eMpuma-Kapa lityale imali ezizigidi ezibini zee randi ekwakhiweni kweziko lokondla imfuyo. Eliziko, nelibizwa nge *feedlot* ngesilungu, liyindawo esetyenziselwa ukutyiswa nokunakekelwa kwezilwanyana esixabisa iR850 isilwanyana sisinye. Kulendawo, iinkomo zihlala iinyanga ezine emva koko umnini wazo uyazithatha azithengise kwiimarike ezithandwa nguye ngexabiso lakhe.


Eliziko lase Mhlontlo lelesibini kwisithili sase OR Tambo kwaye lelinye lamaziko akhiwe lisebe lakwaDRDAR ngemali ezizigidi ezilishumi, R10-million kunyaka mali 2017/18 e OR Tambo, Joe Gqabi nase Alfred Nzo. Kunyaka-mali ka 2018/19 isebe lakwaDRDAR lityale iR16.5 million ukuze kwakhiwe amaziko alishumi elinethoba.

AmaFama ase Mdeni athe izilwanyana zawo bezingafi yimbalela nje yodwa zibulawa yimililo yamadlelo enwenwayo. "Le feedlot izokuzisa inkululeko kumafama alengingqi. Njengokuba ubona ukuba yome njani lendawo, kungentsuku zatywala izokugcwala yimfuyo ngenxa yamafama," utshilo Fundisile Hoboyi.

Omnye umFama, uThobezweni Tsuphe uthe lefeedlot izokunceda maFama afikelele kwiimarike zorhwebo. "Kulengingqi siyixhasa kakhulu imveliso yenyama ebomvu kwaye namaFama afumana inkxaso kwisebe lakwaDRDAR ngezinto eziquka ukutya nokunikezelwa kwemfuyo efana neenkunzi zenkomo, ezegusha amathokazi neemazi. Oku kwenzela ukunyusa izinga lemfuyo. Andinamazwi oneleyo anobonisa uvuyo esinalo xasibona lendawo. Izakusinceda kakhulu kwinkxwaleko esijongana nazo xa singenakutya kwemfuyo."

Njengokuba isebe lakwa DRDAR liguqula imveliso yemfuyo ukuba ifike kwizinga lezorhwebo, ukwakhiwa kweefeedlot yenye yentsika zeliphulo.

# IMPILO YEZILWANYANA YENYE YEENKQUBO EZIPHAMBILI ZE DRDAR



*Omnye woo gqirha be mfuyo ba kwa DRDAR enyanga ihashe njenge nxalenye ye phulo loku gcina umhlambi wezi lwanyana ze Phondo unempilo entle.*

### *IZIFO SAMAHASHE (AFRICAN HORSE SICKNESS)*

*IPHONDO laseMpuma-Kapa liphindile lafumana ukuhlaselwa sisifo samahashe esaziwa ngokuba yi African Horse Sickness nesisesinye sezifo ezaziwa ngokubetha kakhulu kwezorhwebo ngezilwanyana.*

*IAfrican Horse Sickness sisifo esinezinga solosulelo oluphezulu olufumaneka kwizinambuzane nezityalo ezithile nezihlasela iidonki, amahashe, iimeyile namaqwarha.*

*Esisifo sifumaneka kwilizwekazi iAfrika kwaye sibonakala ngokuba isilwanyana sisokole ukuphefumla ehamba nomkhuhlane nokungafuni kutya. Sisifo esosulelekayo kwaye izinga lokufa liphezulu.*

*Ulawulo lwesisifo lwenziwa ngokusebenzisa iyeza elenziwa yinkampani I Onderstepoort Biological Products. Sibongoza ukuba amahashe agonywe phakathi kwenyanga yoMsintsi neyeDwarha minyaka le.*

- ***3.6 yezigidi zezilwanyana eziditshiweyo.***
- ***521 370 ezongiweyo.***
- ***21 410 zatshizwa .***
- ***96 772 zatshizwa ngesitshizi sesandla.***
- ***445 288 zagonywa.***

**Ngu ZUKISWA GQAMANE**

UKUNIKA iinkonzo eziqinisekisa ukuba imfuyo nezilwanyana zeliphondo zise mpilweni entle kwaye nabantu boMzantsi Afrika bakhuselekile kwizifo ngumgomo ophambili kwinqubo yenkonzo zoogqirha bezilwanyana kwisebe uDRDAR kwiphondo iMpuma-Kapa.

Oogqirha bezilwanyana belisebe abanenkathalo nabaphume izandla bakhusela uluntu nezilwanyana kwizifo ezifana neTB, umgada nomkhuhlane wemfuyo.

Elicandelo likwajongana nommiselo wezempilo ngokuqinisekisa ulawulo lwezifo eziquka umanzabomvu, ibhula nezinye.

Umbhexeshi wecandelo lezempilo lezilwanyana kwaDRDAR uGqirha Cebisa Mnqeta unike ingcaciso manani ephangaleleyo ngomsebenzi owenziwa lisebe lakwaDRDAR ukugcina umhlambi wephondo iMpuma-Kapa usempilweni.

Uthe ngonyaka-mali ka 2017/18 imihlambi ezizigidi ezisibhozo namakhulu amathathu anamashumi alithoba amawaka anamakhulu asixhenkxe namashumi amathathu anane egusha (8 329 734) ugonyelwe ibhula neetsholongwane zangaphakathi ukuze kunyuswe udidi nezinga loboya kwizithili zonke zeliphondo.

"Ibhula lisasazeka lula phakathi kweegusha kwaye ukuba liyekiwe alanyangwa, ulwamvila lwalo lukhokelela kwilahleko enkulu yezimali," utshilo uGqirha Mnqeta.

Isebe lakwaDRDAR likwatyale izimali kwinkqubo yolawulo lwezifo ezenziwa yimikhanzi. Oku kuquka ukufaka izilwanaya ediphini zitshizwe ngamayeza rhoqo kwezinyanga zobusika.

Imihlambi ezizigidi ezintathu ezinamakhulu amawaka amathandathu nanamawaka angamashumi amahlanu anesihlanu namakhulu amahlanu anamashumi asixhenkxe anesihlanu (3 655 575) anyangwa ngoku fakwa ediphini, i521 370 ifakwe idiphu egalelwa emqolo, i21410 ne 9 772 yatshizwa.

Isebe linqanda ukwanda komgada, ukukhawulelana nalombandela, isebe lakwa DRDAR ligonye izilwanyana esingama 445 288.

"Ngelishwa kuye kwakho ukusweleka komntu ngenxa yokulunywa yinja enomgada. Umgada ufumaneka ematheni esilwanyana esosulelekileyo kwaye lentsholongwana ingangena ebantwini ngokulunywa, ukukrwelwa okanye ngesilonda esikrazula isikhumba esivulela isifo esi ukuba singene emzimbeni," utshilo uMnqeta.

Nangona ukufa ebantwini kunganqandwa ngokunyangwa kamsinya, ipost-exposure prophylaxis (PEP), ngesilungu, bonke abemi baseMpuma-Kapa bayabongozwa ukuba ukuba bahlanganise izandla nesebe ukulwa esisifo ngokugonya izinja neekati zabo mahala.

Urhulumente ugonyisa izilwanyala mahala kumaziko ezempilo ezilwanyana zesebe lakwa DRDAR.




UMGADA UYABULALA

Tofa izinja neekati zakho ukhusele wena, usapho lwakho, amahlobo kwakunye Nazo izilwanyana. Lumkela ukulunywa yinja nekati. Xela izilwanyana ezikrokrelekayo.

Oomakhwekhwetha bethu abango Gqirha bemfuyo bazi tofa simahla izilwanya ngelinqanda esisifo.

- SITSALELE KU 080 020 3025 -



LE MFUNDISO NIYIPHATHELWE LI SEBE LOPHUHLISO LWAMAPHANDLE NO GUQULO LOMHLABA

Province of the EASTERN CAPE
RURAL DEVELOPMENT AND AGRARIAN REFORM